



# basic education

---

Department:  
Basic Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

## SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)**

**IPHEPHA LESIBINI (P2)**

**2015**

**AMANQAKU: 70**

**IXESHA: Iiyure 2**

**Olu viwo lunamaphepha angama-22.**

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uqalise ukuphendula imibuzo.
2. MUSA ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Yiya kwiphepha lesiqulatho elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo uze ukhethe leyo ufuna ukuyiphendula.
3. Eli phepha LINAMACANDELO amaNE:  

ICANDELO A: Inoveli	(35)
ICANDELO B: Idrama	(35)
ICANDELO C: Amabali amafutshane	(35)
ICANDELO D: Isihobe	(35)
4. Phendula IMIBUZO EMIBINI iyonke: umbuzo OMNYE ukhethwa NAKUWAPHI amacandelo amaBINI.  
  
ICANDELO A: INOVELI  
  
Phendula umbuzo kwinoveli oyifundileyo.  
  
ICANDELO B: IDRAMA  
  
Phendula umbuzo kwidrama oyifundileyo.  
  
ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE  
  
Phendula imibuzo esetwe kumabali amafutshane OMABINI.  
  
ICANDELO D: ISIHOBE  
  
Phendula imibuzo esetwe kwimibongo YOMIBINI.
5. Sebenzisa itshekhlisti ukuzincedisa.
6. Landela imiyalelo esekuqaleni kwecandelo ngalinye ngononophelo.
7. Nombola iimpindulo zakho kanye ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.
8. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
9. Ingcebiso yokulawula ixesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 kwicandelo ngalinye.
10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

**IPHEPHA LESIQULATHO**

Eli phepha liza kukunceda ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

<b>ICANDELO A: INOVELI</b>		
<b>Phendula imibuzo ekwinoveli oyifundisiweyo.</b>		
<b>INANI LOMBUZO</b>	<b>AMANQAKU</b>	<b>IPHEPHA</b>
1. <i>Kusa Kusihlwa</i>	35	5
2. <i>Umqol'uphandle</i>	35	8
<b>ICANDELO B: IDRAMA</b>		
<b>Phendula imibuzo ekwidrama oyifundisiweyo.</b>		
3. <i>Ndiyekeni</i>	35	12
<b>ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE</b>		
<b>Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kumabali amafutshane.</b>		
4.1 Umntu akalahlwa	18	17
4.2 Ngumntu onjani lo?	17	18
<b>ICANDELO D: ISIHOBE</b>		
<b>Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kwimibongo.</b>		
5.1 Inkonjane	18	20
5.2 Funzela enzulwini	17	21

**ITSHEKHLISTI**

<b>ICANDELO</b>	<b>AMANANI EMIBUZO</b>	<b>INANI LEMIBUZO EPHENDU LWAYO</b>	<b>PHAWULA</b>
A: Inoveli (Kusa Kusihlwa Umqol' uphandle)	1-2	1	
	<b>OKANYE</b>		
B: Idrama (Ndiyekeni)	3	1	
	<b>OKANYE</b>		
C: Amabali amafutshane (Umntu akalahlwa Ngumntu onjani lo?)	4	1	
	<b>OKANYE</b>		
D: Isihobe (Inkonjane Fonzela enzulwini)	5	1	

**QAPHELA:** Qinisekisa ukuba uphendule imibuzo kumaCandelo amaBINI kuphela.

**ICANDELO A: INOVELI****UMBUZO 1****KUSA KUSIHLWA – KS Bongela****ISICATSHULWA A**

1.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

'UNtsibande, mzi wasemaZizini nasemaJwarheni akafanga. Mna ndithi esi sisikhumbuzo sokuba le ntlantsi ishiyekileyo iqhuqhumbayo isahlalelwe kukuba ibe sisibane kwixa elizayo. Lo mzi wakwaNtsibande ngokubanzi udalelwe ukuba ukhonze isizwe. Naba babini balishiye eli phakade phantsi kwenkonzo yesizwe, ukanti ndiyaliphinda elithi, mzi wakwaNtsibande, sulani iinyembezi nithathe amanzi nisele ...'

'Ningalili niqalekise kuba aniyazi imisebenzi kaYehova ukuba yimimangaliso kwayo. Nali ke elokugqibela endiza kulibhekisa kuni bafo basemaJwarheni, Thamsanqa nawe Mpumelelo. Ngokwangoku ke Thamsanqa, Jwarha isenguwe indoda yalo mzi eshiyekileyo kodwa ekuhambeni kwexesha uza kuncediswa ngunyana lo womkhuluwa wakho. Ninobabini ningamaxhadi alo mzi ashiyekileyo.'

'Wena woba liliso kulo mzi uncediswa nguYolisa lo. Imisebenzi kaThixo ingummangaliso kuba uLungile waba ngathi uyazi ukuba intambo yakhe iyasongwa xa wayeniphuthuma kwezo ndawo benikuzo ukuba nize kujonga usapho lwakhe. Nibambisane ngoxolo nto zakuthi. Kuwe, Mpumelelo mfo wam, ndiza kuwenza abe mbalwa. Eli gama lithi Mpumelelo apha kuwe lisisipho esikhulu. Into ethetha ukuthi ujongwe kukuphumelela. Ingade libe liyaduduma namhlanje linesithokothoko sobumnyama, neengqimba zamafu entlupheko nokuqagamba kwentliziyo yakho, kodwa liza kududuma lidlule kushiyeke kuphela ilitha eliya kuloziza kuso sonke isibhakabhaka esigubungele umzi wakwaNtsibande nowakwaNtu ngokubanzi ...'

- 1.1.1 Ngubani obalisa ibali lokukhula likaMpumelelo kwaba bakwizibiyeli? (Ngusibonda/NguYolisa/NguThamsanqa) (1)
- 1.1.2 Nika amagama abantu ABABINI abangcwatywayo ngale mini. (2)

- 1.1.3 Tshatisa intetho ekuKholam A nentsingiselo yayo ngokwasebalini ekuKholam B.

KHOLAM A	KHOLAM B
(a) '... le ntlantsi ishiyekileyo iqhuqhumbayo isahlalelwe ukuba ibe sisibane kwixa elizayo ...'	(i) Ningoothobela sikutyele. (ii) Ningabaxhasi beli khaya abaseleyo.
(b) '... sulani iinyembezi nithathe amanzi nisele ...'	(iii) Lo mntwana ushiyekileyo ukhathazekileyo useza kuphumelela ebomini.
(c) '... ningamaxhadi alo mzi ashiyekileyo ...'	(iv) Thuthuzelekani kwimeko ebuhlungu nizixolise.

(3)

- 1.1.4 Ingaba uMpumelelo ngumlinganiswa oyintloko kule noveli? Xhasa impendulo yakho ngezizathu eziBINI. (2)
- 1.1.5 Xela ingxaki adibene nayo uThamsanqa akufika kwikhaya lakwaNtsibande. (1)
- 1.1.6 Uyidlale njani indima yobuzali uYolisa kubomi bukaMpumelelo? (2)
- 1.1.7 Idala oluphi uvakalelo imiqondiso ekrwelelwe umgca ngaphantsi? (1)
- 1.1.8 Senzo sini asenzileyo uNozililo ukuphamba ingxabano phakathi kukaLungile noNomakhwezi? (2)
- 1.1.9 Thelekisa indlela abafa ngayo abazali bakaMpumelelo neyokufa kukaNozililo noNtongana. (2)
- 1.1.10 Cacisa amazwi abhalwe ngqindilili ngokubhekiselele kule noveli. (2)

**ISICATSHULWA B**

## 1.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Wasuka wabhonga ngoku kungasazeki nokuba ubhongiswa ziintlungu okanye kukumka kwengqondo na. Uye wayekwa kulaa ndawo akuyo ebebhijalaza ezama ukuthetha kwaye wayethukela kuba zazikhe zivakale. Okwethutyana kuye kwaqwalaselwa le kaMpumelelo. Uthe akuphathaphathwa ngabanye oogqirha, bafika ngethamsanqa engenanxeba linzulu. Wasindiswa ziimpahla nakukuba noko isikhali esiya besibundunyuva. Akuba asiziwe, wacelwa ukuba makakhe aphumle angasondeli kwesiya sigulana. Walile. Uthe akukho nto anayo uya emsebenzini wakhe yena.

Ngeli xesha kwenzeka le nto iye yabethelwa umnxeba inkosikazi yakhe kuba nayo yayingasebenzi kude. Ifike kanye xa aphathwaphathwa ngabanye oogqirha, wayakwayiphoxa uMpumelelo ngelithi, 'My dear, lo msebenzi siwuphetheyo apha ngoku asingowabafazi, ngowamadoda. Amadoda zinto ezikhe zivane amandla. Kuyacaca ukuba namhlanje ndinyanga uSamson. Andikwazi ke wena ukuba uza kuthiwani na nguye. Into ebhetele qinisa ibhanti neewigi kuba apho akuthe thwe khona kwakwazi uSathana kuphela.'

Inkosikazi oku kuqhula kukaMpumelelo ibiseyikuqhelile. **Imthe gxezu** yakubona ukuba usaphindela. UMpumelelo yena akakhange ahoje koko uqhube umsebenzi wakhe.

Kwalile emva kweentsuku ezimbini, oogqirha, ukufika kwabo baphindela kwakulaa mntu, bamxilonga. Babeze namanye amadoda amabini okuncedisa xa kuthe kwakho inkathazo. Bafika ethe cwaka kungekho ngxolo, bundlobongela nadumbe, nazithuko. Uthe uMpumelelo makakhululwe.

- 1.2.1 Xela igama lendawo esakhiwa kuyo esi sibhedlele. (1)
- 1.2.2 Yintoni eyakhokelela ekubeni sibhonge isigulana? (2)
- 1.2.3 Olu nyango alusebenzisileyo uMpumelelo kwesi sigulana lwaba nafuthe lini kwikhondo lakhe lobugqirha? (2)
- 1.2.4 Amazwi athi, 'My dear, lo msebenzi siwuphetheyo apha ngoku asingowabafazi, ngowamadoda ...' aqulethe eyiphi ingcinga kwezi zilandelayo?
- A Ingcinga enye ebethelekileyo ngokobuhlanga.
- B Ingcinga enye ebethelekileyo ngokwesini.
- C Ingcinga enye ebethelekileyo ngokwebala.
- D Ingcinga enye ebethelekileyo ngokwendawo. (1)
- 1.2.5 Ludlulisa eyiphi intsingiselo kulo mxholwana usingiselo olukrwelelwe umgca ngaphantsi? (2)

- 1.2.6 Sikweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi siganeko? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.2.7 Uzotywe njengomlinganiswa onjani uMpumelelo? (2)
- 1.2.8 Mfanekiso-ngqondweni mni ozotywa sisifanekisozwi esibhalwe ngqindilili? (1)
- 1.2.9 Nika izinto zibe MBINI ezibonakalisa ukuba inkosikazi kaMpumelelo ibimxhasa umyeni wayo. (2)
- 1.2.10 Sinxulumana njani isihloko sencwadi esithi 'Kusa Kusihlwa' nomxholo wencwadi? (2)
- [35]

### OKANYE

#### UMBUZO 2

#### UMQOL'UPHANDLE – PM Ngani

#### ISICATSHULWA A

- 2.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Uthe akucingisisa nzulu, wajika selekufuphi ukuba angene. Naako esonda ngomnyango awayengene ngawo kuqala selezimisele mpela ukuba uyayichitha loo mbeko; i*Moonglow* ayingangaye.

'Sis'Linda!' likhwaze kabukhali ilizwi emva kwakhe xa kanye wayesithi uyaphuma. Limtsho wema **bhuxe**, wabaza iindlebe, efuna ukuva leyo yayiza kubhekiswa kuloo Sis'Linda.

Waliva nje ukuba elo lizwi lelomthengisi weziselo abekhe wancokola naye kancinci esazithengela i*whisky* yakhe. Eyona nto yayingumnqweno wakhe, nangaphandle kokuphulaphula eyayiza kuthethwa, yayikukubona loo sis'Linda – umntu awayeseve lukhulu ngaye. Nguyena mntu abengakhange ambone kuloo holo. Uthe esaxakwe ukuba uza kubheka athini na, waliva liphinda ilizwi lomthengisi: 'Akuyilibe na itshintshi yakho?'

Eqonda ukuba kwakusabhekiswa kulaa sis'Linda, okaHlobo omaqhingana uthe phethuthu ngokukhawuleza okungummangaliso, wazibuzisa: 'Utsho mna na, nkos'am?'

'Uxolo, nkos'am; ndibhekisa kuSis'Linda elaa nenekazi,' yatsho loo nkewu yeziphungo isalatha kwelinye icala lendlu.



OkaHlobo uwulandele loo mnwe ngamehlo, wawubona apho walathe khona. Wavakala ezindumzelela yedwa: 'Mehlo am, kumhla watyeba namhlanje.' Obunjalo bona ubuhle babungafanele ukuba bube busalathwa nje nayiminwe engcangcazelayo yeenkowane eziphethwe ngumqhele; ngaphezulu, babungafanelekile kwimbutho engenasidima njengaleyo yaseMoonglow.

Yayingekho indoda – ndithetha mna esempilweni – eyayingenakungagungqi ithe nqwakaqha nobunjalo ubuso. NokaHlobo wayengafanele ukugxekwa ngedumbe awasuka wangenwa lilo.

- 2.1.1 Wayephi uHlobo ngokwesi sicutshulwa? (1)
- 2.1.2 Mfanekiso-ntelekelelo mni ozotywa sisifanekisozwi esibhalwe ngqindilili? (2)
- 2.1.3 Xela isizathu sokuba uHlobo abe nomnqwano wokumbona 'loo Sis' Linda'. (2)
- 2.1.4 Kwenzeka ntoni ngaphambili kuHlobo kule ndawo akuyo ukuze abone ukuba ayingangaye? (2)
- 2.1.5 Tshatisa ibinzana elikuKholam A nentsingiselo ekuKholam B.

	<b>KHOLAM A</b>	<b>KHOLAM B</b>	
(a)	'... uyayichitha loo mbeko ...'	(i) Wayexelelwe izinto ezininzi.	(3)
(b)	'... wabaza iindlebe ...'	(ii) Waphandlwa ngomnwe esweni.	
(c)	'... umntu wayeseve Lukhulu ...'	(iii) Wamamela ngomonde nangenyameko.	
		(iv) Uyayishiya loo ndawo ebekuyo.	

- 2.1.6 Lo mntu wayenza uNksk. Hobe wathi yintoni eqhube uLinda ukuba ade abulale uEddie? (1)
- 2.1.7 Maqhinga mani awenzileyo uHlobo okungena endlwini kaLinda ngenjongo yokuphanda? (2)
- 2.1.8 Isimntwiso esikrwelelwe umgca ngaphantsi siphuhlisa ntoni? (1)
- 2.1.9 Yintoni edale impixano phakathi kukaEddie nabahlobo bakhe awayesebenza nabo eMoonglow? (2)
- 2.1.10 Nika izinto EZIMBINI ezimenza agqame uHlobo njengomcuphi onesakhono kuphando lweli tyala. (2)

**ISICATSHULWA B**

## 2.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Kuphakame umtshutshisi, wahambisa wathi, 'Wena Ohloniphekileyo, makubechosi, kubehele! Ngokuzithoba okukhulu, ndenza isicelo sokuba le nkundla mayigunyazise okokuba ummangalelwa abe selugcinweni lwentolongo de kube nguloo mhla wokuvavanywa kwetyala ...' 'Wena Ohloniphekileyo!' Isukume ngaloo mazwi into kaKhumalo: 'Egameni lomangalelwa, ndicela ukuba le nkundla ibonakalise uvelwano kummangalelwa ngokuthi imkhulule ngebheyile, abe ngaphandle kwentolongo de kufike umhla wokuvavanywa kwetyala.

'Ummangalelwa ulufanele uvelwano ngenxa yobuthathaka bempilo yakhe, ngakumbi emva kwesi sihelegu sokufa kwalowo wayethandana naye.' Egqithisa incwadana kumantyi, uthi, 'Ndiambisa incwadi enengxelo efungelweyo, evela kugqirha wommangalelwa obemvavanya kutshanje. Wafumanisa ukuba ukukhathazwa yintliziyo.

'Andiqondi ukuba ukukhululwa kwakhe kothi kuphazamisane nabatshutshisi xa beqokelela ubungqina, njengoko isifundiswa seqabane lam sikhe satsho. Ndikhe ndadlana iindlebe namapolisa awenza uphando ngeli tyala, ndafumanisa ukuba sebufunyenwe bonke ubungqina obumbeka ityala ummangalelwa. Yintoni ke ngoko angathi aphazamise kuyo xa sekuhanjwe kangako?

'... Mandibuye ndiyicele le nkundla ibekileyo ukuba ikhe iqwalasele isimo sommangalelwa ... Ngumntu owaziwayo noxabisekileyo, othe wabekwa emawongeni aphakamileyo ngenxa yokuthenjwa. Amapolisa ayayazi indlela athe waziphatha kakuhle ngayo ngexesha ebevalelwe ngalo.

'Kwityala abekwa lona, usatyholwa, ndingade ndithi usarhanelwa. Le nkundla ngoko ayimele kumjonga njengombulali, njengerhoqololwana elingathembekanga, engekagwetywa ngokwasemthethweni.

2.2.1 Ngubani igama legqwetha likaLinda? (1)

2.2.2 Urhaneleka ngantoni uLinda? (1)

2.2.3 Khankanya izinto zibe MBINI ezibangela uLinda arhaneleke. (2)

2.2.4 Khetha eyona njongo ichanekileyo yokusetyenziswa kolwimi kumazwi athi, 'Wena Ohloniphekileyo!' kwezingezantsi.

- A Ukucenga
- B Ukuchukumisa
- C Ukuhlonipha
- D Ukuqhatha

(1)

- 2.2.5 Mpazamo zini EZIMBINI zophando awazenzayo okaHlobo kuphando lwakhe lwetyala? (2)
- 2.2.6 Sikweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi siganeko? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 2.2.7 Nika izinto eziMBINI azenzileyo uDuma Hlelo ezibonakalisa ukuba usisicaka esithembekileyo sikaLinda. (2)
- 2.2.8 Ucinga ukuba iMantyi yathatha isigqibo esilungileyo ngokungamniki uLinda ibheyile ngokobungqina obabuphambi kwenkundla? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 2.2.9 Uyavelana noLinda ngokurhanelwa kwakhe ngokubulala isithandwa sakhe? (2)
- 2.2.10 Sinxulumana njani isihloko sencwadi, 'Umqol'uphandle' nomxholo webali? (2)

**[35]****AMANQAKU ECANDELO A: 35**

**ICANDELO B: IDRAMA****UMBUZO 3****NDIYEKENI – DM Jongilanga****ISICATSHULWA A**

3.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

*(Kungena uMaziko elandelwa nguMnu. Ndila kwiofisi kaMnu Loni. Bengene.)*

Loni: Thabathani izihlalo, manene. Buya nocango olo (*Bahlale*). Mnu Ndila ndiyacinga ukuba kunokuba unawo amanakanibe okuba ube ubizelwe apha ngoku. Kambe le tasi iphezu kwetafile iyathetha.

Ndila: Hayi chief, andinalo nofifi olu, tu.

Loni: Le tasi yekabani?

Ndila: Yeyam.

Loni: Ifuna ntoni apha?

Ndila: Nam ndithe nqa ukuba ifuna ntoni na apha.

Maziko: Mfondini, Dicksie, lungis'umlomo lo xa kunje.

Loni: Kutheni le nto uthuma abantwana utywala ngexesha lesikolo?

Ndila: Obuphi utywala?

Loni: Obu buphezu kwetafile.

Ndila: Ukuba ibibobam ngebungekh'apha. Manene, sanukuthi nakudinwa ndim kwesi sikolo nindimbele ingcwaba ndijongile.

Loni: Xa uzimbela ingcwaba ngokwakho, unga ungaya kulala kulo nababukeli?

Maziko: Manene siyawuphosa umhlola. Ndila, mfondini, vuma ityala nokuba alingomafutha. Uthi uLiziwe uthunywe nguwe, kwaye le tasi yeyakho.

Ndila: Andazani natywala. Ndithume uLiziwe itasi yam endlwini qha, qwaba ke. Enye imfungumfingu le nindothe ngayo yimigibe nje yenu kwaye indoda izizibeke kakuhle izabatha, izibeke ngobunono zingagqibi ithafa.

Loni: Izabatha zantoni?

Ndila: Ukuba ufuna ukundibeka ityala undise ngaphambili, qhuba ngoku indlela ingekazali ziimbovane. *What is the charge preferred against me?*

- 3.1.1 Xela indawo abaxoxa bekuyo aba balinganiswa bakwiscatshulwa. (1)
- 3.1.2 Yintoni ebangela ukuba uNdila abizelwe kule ndawo uyikhankanye ku 3.1.1? (1)
- 3.1.3 Uyintoni uLoni kuNdila ngokwale drama? (1)
- 3.1.4 Tshatisa ibinzana elikuKholam A nentsingiselo yalo ekuKholam B.

KHOLAM A		KHOLAM B	
(a)	'Thabathani izihlalo ...'	(i)	Thetha ngembeko.
(b)	'Buya nocango ...'	(ii)	Yenza imimangaliso.
(c)	'... Lungis' umlomo ...'	(iii)	Hlalani phantsi.
		(iv)	Vala umnyango.

- 3.1.5 Sikweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi siganeko? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 3.1.6 Yintoni injongo yokusetyenziswa kwesi simntwiso sikrwelelwe umgca ngaphantsi? (2)
- 3.1.7 Saba yintoni isigqibo sentlanganiso yekomiti yesikolo ngesenzo sikaNdila? (2)
- 3.1.8 Bonisa isenzo sobunyoka esenziwe nguMaziko kuNdila? (2)
- 3.1.9 Tyhila isigqebelo esivezwa ngamazwi kaLoni ewabhekisa kuNdila athi:  
'Xa uzimbela ingcwaba ngokwakho, unga ungaya kulala kulo nababukeli?' (2)
- 3.1.10 Sinxulumana njani isihloko sedrama, 'Ndiyekeni' nomxholo? (2)

**ISICATSHULWA B**

## 3.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Njobe:	Uqonde ngani ukuba akazange avulelwe?
Nomawele:	Sasikrobile, sambona xa emkayo. Ndigqithe apho. Ngobu busuku kuse efile, sothuswa sisikhalo esikrakra phaya kwaFuneka sabuya sayeka. Sithe sikroba asabona nto. Ndithi ke mandikuhlebele endikwaziyo, ndingazi ke nokuba ezi ndlela azidibani na?
Njobe:	Ndiyabulela, usizele nomcimbi obalulekileyo. Wobuya uve ngathi. Enkosi.
Nomawele:	Enkosi sajini. ( <i>Uthe ephuma nje ahlanganisana awakwantsasana onda ngendlu kaFuneka.</i> )
Amapolisa:	Nkqo! Nkqo!
Funeka:	Ngubani lowo efuna ntoni?
Zanele:	Yhu nto ... mbi ngamapolisa. Eve ntoni? O!
Funeka:	Shut up you fool. ( <i>Avule</i> )
Njobe:	Ewe nkosazana. Yindlu yakho le?
Funeka:	Ewe.
Njobe:	O! Singamapolisa sifuna ukukhe sinibuze imibuzo.
Zanele:	Imibuzo yantoni? Akukho nto sikhe sayenza.
Maqhingana:	Ngubani othe nenze nto phi nini?
Zanele:	Imibuzo yeyani ke? ( <b><i>Amehlo emdiza ukoyika nezandla ezi</i></b> )
Njobe:	Ndifuna ukwazi amagama enu. ( <i>Axelwe</i> )
Njobe:	Niyamazi uMawonga?
Funeka:	Ukumazi njani?
Maqhingana:	Kukho okunye ukumazi?
Zanele:	Siyamazi.
Njobe:	O! Ugqibele nini ukuza apha?

Funeka:	Unenyanga engasezi apha.
Maqhingana:	Uyaqonda ukuba namhlanje kungoLwesine?
Funeka:	Ewe.
Maqhingana:	Ukhe weva ukuba uMawonga ucholwe efile ekuseni ngoLwesibini?
Funeka:	Ndivile.
Maqhingana:	Khange eze apha ngokuhlwa koMvulo?
Funeka:	Hayi.
Njobe:	O! Ngubani lo wayenkqonkqoza ekhwaza ngemali yakhe ephelele apha ngokuhlwa kweCawe?
Zanele:	Tyhini silibele, wayezile ndamgxotha kuba ndamala kudala.
Maqhingana:	O! Nxayiphi ngoku benisithi unenyanga engasezi apha?
Funeka:	Ukulibala yinto ekhoyo.
Njobe:	Madoda khanigubhulule le ndlu, ngoku.

- 3.2.1 Uzotywa njengomlinganiswa onjani uNomawele? (1)
- 3.2.2 Isenzo sikaNomawele sokuhlebelala amapolisa sikhokelele entwenini? (1)
- 3.2.3 Izalathisi zeqonga eziphawulwe ngqindilili nakekeleyo zibonisa msebenzi mni kule ilandelayo? (1)
- A Zibonisa intshukumo.  
B Zibonisa indawo.  
C Zibonisa ingxoxo.  
D Zibonisa icala.
- 3.2.4 Nika iimpawu eziphambili zomlinganiswa onguFuneka zibe MBINI. (2)
- 3.2.5 Khankanya izenzo zempindezelo zikaMawonga zibe NTATHU. (3)
- 3.2.6 Ingaba uFuneka noZanele bagwetywe ngokufanelekileyo na? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 3.2.7 Ngqina ubunyani bamazwi kaLoni athi, 'ithambo lenyoka lihlaba elimzondayo, linobuzaza sele ibole yagqiba'. (2)

- 3.2.8 Xela zibe NTATHU izezo zobutshijolo ezenzeka kwaFuneka. (3)
- 3.2.9 Mfundiso ni edluliswa ngumbhali ngesi sicutshulwa? (2)
- [35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**



**ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE****UMBUZO 4****NDAKUYICEL'IVUTHIWE – LL Ngewu & EZ Guqa****ISICATSHULWA A: UMNTU AKAL AHLWA – LL Ngewu**

4.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Akugqithanga nyanga zininzi uNobesuthu noNomtha behlelwa sisiwo esahlela udadewabo. Akuluva olu daba uMathidala uthule wathi tu ngokungathi akwehlanga nto abengayilindelanga kweli khaya. Zihambile iinyanga uNobesuthu noNomtha bemangalisiwe kukuthula kukayise, benqwenela ukuba lingade lidudume lidlule, kuba kona **bekubonakala ukuba lihlomile**. Abaqinisekanga nokuba imeko eyehlela uThandile ingaba yayenze indod'enkulu izibone iyinkunzi enqunyulwe amanqindi na. Bakhe baceba ukumehla entloko uyise ngenye imini badomboze bacele uxolo ngesi senzo sabo, koko baphinda baqonda ukwenza oko ingakukuzinqikel'ubugqwangu.

Kwalile ngenye imini sebefuna ukulibala ukuba uyise yindoda engqwabalala wabalinda kwada kwasebusuku balala. Naye umhlekezi lo ebesele engqengqile kwigumbi lakhe lokulala. Ushukumise inkosikazi yakhe wathi kuyo:

'MaMthi khawundibizele aba bafazazana?'

'Abaphi yise kaThandile?'

'UNobesuthu noNomtha.'

'Baqale nini ngoku aba bantwana ukuba babe ngabafazazana?'

'Ayifuni wena ke loo nto.'

UMaMthi ukhe wathalalisa wazirhonisa ecinga ukuba indoda yakhe iza kuluyeka olu chuku ebekubonakala ukuba izimisele ukuluqhwaya.

'MaMthi, MaMthi, undivile kodwa ukuba ndithe ndibizele aba bafazazana?'  
Uthe phulukutshu ezingubeni uMaMthi eqonda kakuhle ukuba kumyeni wakhe isithathu ngumnqakathi. Ufike iintombi zakhe zingekalali zincokola kamnandi.

Nakuba isibane besilozilozisa nje ezi ntombi zibone ngentsobi yobuso ukuba akatyhilekanga laye nelizwi lintama ukungakhululeki komninilo.

4.1.1 Xela amagama eentombi EZIMBINI ezagxothwa nguMathidala kwesi sicutshulwa. (2)

4.1.2 Bonisa ukuchaneka kwegama, 'isiwo' ngokubhekisele kumxholo webali. (2)

4.1.3 Wenze ntoni uMathidala akubona ukuba uThandile ukhulelwe? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.1.4 Tshatisa ibinzana elikuKholam A nentsingiselo yalo ekuKholam B.

KHOLAM A	KHOLAM B
(a) '... benqwenela ukuba lingade lidudume lidlule ...'	(i) Izifumane ingakwazi kwenza nto.
(b) '... izibone iyinkunzi enqunyulwe amanqindi na.'	(ii) Bebawela ukuba athethe iphele.
(c) '... ukwenza oko ingakukuzinqikel'ubugqwa ngu.'	(iii) Ingakukuqala inkathazo ngokwakho.
	(iv) Ingakukuzibona unгахlelanga kakuhle.

(3)

4.1.5 Sikweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi siganeko? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.1.6 Uzotywe njengomlinganiswa onjani uMaMthi? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.1.7 Kutyhila ntoni ukubalekela kwabantwana bakaMathidala kwamkhuluwa wakhe ngendlela abahlalisene ngayo abantu bale ndawo? (2)

4.1.8 Saba yintoni isiphelo seentombi zikaMathidala? (1)

4.1.9 Mfundiso ni edluliswa ngumbhali ngeli bali? (2)

### ISICATSHULWA B: NGUMNTU ONJANI LO?

4.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Umfundisi ukhe wanyeka ngemva efun'ukuqiniseka ukuba umhlambi wakhe uyalandela na. Phaya kula ndawo ebexabe kuyo bekuxabe umkhumbi ngoku kubonakala ukuba umfi ubhokile ebhokisini ubhejele ukuba baya kuphuma naye kolo xa bevile. Azamile amadoda koko umkhumbi uxingile emgubasini. Enye indoda ikhe yacebisa ukuba lukhutshwe olo cango nomgubasi walo koko eli liphendulwe yenye indoda ethe ukungena kwayo loo bhokisi bekungakhutshwanga cango. Aduntsuzile amadoda selebile ngathi **ebethen'iikati**. Kuxokozele ngoku exandeni kubonakala ukuba izimvo zamadoda ziyabetha-bethana. Le ngxokozelo ibixutywe sisikhalo somnye wabazili ebekubonakala ukuba ukhubeke kakhulu.

Phaya enkundleni abalindi bebesele bolule iintamo befuna ukuqonda ukuba kwenzeka ntoni exandeni. Gagwazana lithile lomfazi likhe lahlabela iculo lisithi, '*Yesu langa lomphfumlo*', koko lincediswe nje ngabantu abambalwa abangahambanga mgama mde nale ngoma. Neli gagwazana lomfazi likhethe ukuthula nalo lolule elayo intamo lilinganise abanye abantu.

Kude kufuphi naba bantu bebehleli enkundleni bekukho isiqhu sabatshakazana ebebexakeke yinto ebebexakeke yiyo kwindawo apho bekubaswe khona kuphekwe ukudla kokondla abantu abaze kulo mkhuhlane. Inani lezo mbiza belifikile kwishumi. Ezantsi kweli ziko bekukho isibaya apho amadoda amaninzi ebehleli khona. Kwesi sibaya bekukho ungxawu obebaselwe ngabafana ...

- 4.2.1 (a) Ngubani lo mfi kuthethwa ngaye kwisicatshulwa? (1)
- (b) Chaza indlela awasweleka ngayo? (1)
- 4.2.2 Chaza ngeengongoma eziNTATHU ubudlelwane phakathi komfi nabamelwane bakhe. (3)
- 4.2.3 Xela izinto zibe MBINI ezazibangela ukuba kungabikho kuyondelelana kwingoma kule nkonzo yomngcwabo. (2)
- 4.2.4 Ibinzana elithi '... **urhatyazo lwamehlo**' linika eyiphi intsingiselo kwezi zilandelayo?
- A Ukutshona kwelanga.
- B Ukungaboni kakuhle.
- C Ukuhamba kancinci.
- D Ukubiza into ekude. (1)
- 4.2.5 Xela intsingiselo yesaci esibhalwe ngqindilili. (2)
- 4.2.6 Loluphi udidi lwempixano oluvelayo ngexesha lenkonzo yezithethi? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 4.2.7 Ucinga ukuba isikhalo esikrakra somzili sinyanisekile? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 4.2.8 Bakho ngabuni abafana abahleli ngasesibayeni ngaphandle komngcwabo? (1)
- 4.2.9 Sinxulumana njani isihloko sebali elifutshane elithi 'Ngumnt'onjani lo' nomxholo webali? (2)

**[35]****AMANQAKU ECANDELO C: 35**

**ICANDELO D: ISIHOBE – VUKANI MADODA KUSILE**

Phendula imibuzwana YOMIBINI.

**UMBUZO 5**

5.1 Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**Inkonjane – VV Sigonya**

- 1 Ndayibon' indand' ipheph' okwengelosi.
- 2 Ndayibanga ngeliso ndathi yeyam.
- 3 **Mpiko zayo zaphendlwa-phendlwa;**
- 4 **Ngumoy' ongephi zityhil' ubumbeje-mbeje,**
  
- 5 Ndayibonga ndagqiba ngentliziyo.
- 6 Ndafihl' izikhwazo ndisoyik' uluntu.
- 7 Yandimemez' ibik' udaba.
- 8 Yavakal' intlontl' ingqay' ubomi bam.
  
- 9 Wavakal' umoya wentumekelelo.
- 10 Zagungq' iingcango zentliziyo.
- 11 Lwabeth' uvalo lundityel' uba yeyam.
- 12 Umoya wembala nawo wandingqinela.
  
- 13 Ndayondela; ndayijonga; ndayiphonononga;
- 14 Ndafik' iyimfezek' ingqibelelo.
- 15 Yayizotyawe ngenene ngemini yehlobo.
- 16 Yabuthabatha bonk' ubume bam.
- .....
  
- 17 Luqhotyoshwe kweso sithuba ke olu lwimi
- 18 Ndithethe ndagqiba kodwa hayi intlokomo.
- 19 Ndazibona ndindodwa ndisemehlwen' oluntu.
- 20 Ndanyalasa; ndingqola-ngqola; ndibheshuza;
- 21 Ngomphefumlo ndingaboni mntu.
  
- 22 Manqina mani na la andicaf' umphefumlo?
- 23 Nzipho zini na ezi zindikrwemp' ulonwabo?
- 24 Ncumo luni na olu lukuwe ntakandini?
- 25 Mdiki mni lo ulele kwezo nzipho?
  
- 26 Ntakandini yezulu;
- 27 Ngeba wena uyinzulu;
- 28 Ngoba wena unyulu.

5.1.1 Chonga igama kumqolo woku-1 elibonisa ukuba le ntaka yayibhabha ngobuchule. (1)

5.1.2 Xela uhlobo lophindaphindo olunomgca ngaphantsi ekuqaleni kumqolo woku-1 nowesi-2. (1)

5.1.3 Tshatisa ibinzana elikuKholam A nentsingiselo yalo ekuKholam B.

KHOLAM A	KHOLAM B
(a) Yandimemeza ... [umqolo we-7]	(i) Ukuthabatheka.
(b) ... Wentumekelelo [umqolo we-9]	(ii) Yayinomtsalane.
(c) Yayizotywe ... [umqolo we-15]	(iii) Ukukhathazeka.
	(iv) Yayidalwe yantle.

(3)

5.1.4 Yiyiphi injongo yokusetyenziswa kophawu loshiyelelo lwesikhamiso kumqolo wesi-4? (1)

5.1.5 Chonga ibinzana elikwisitanza sesi-4 elithetha ukuba inkonjane intle ayinasiphako. (2)

5.1.6 Xela udidi lwalo mbongo. Nika isizathu sempendulo yakho. (2)

5.1.7 Umqolo we-13 uvuselela wuphi umfanekiso-ngqondweni? (1)

5.1.8 Caphula umqolo kwisitanza sesi-5 obonisa ukuba imbongi yayibongela ngaphakathi inkonjane. (2)

5.1.9 (a) Nika isafobe esisetyenziswe kumqolo wama-24. (1)

(b) Cacisa injongo yembongi yokusebenzisa isafobe osinikileyo. (2)

5.1.10 Nika umongo wesitanza sesi-7. (2)

5.2 Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### Funzela enzulwini – SSM Mema

- 1 Lishush'idabi kumathaf'obu bomi
- 2 Kuqhum'amaqulo kuchachamb'umchiza;
- 3 Uxhob'ufohlel'umlisela nomthinjana,
- 4 Usilwa noSathana, usilwa **nobumnyama**.
- 5 Ayaxhaxh'amagwala kuband'umchachazo.
- 6 Ubomi ngumzamo kosind'amakroti;
- 7 Ubomi ngumthwalo bufuna umqolo;
- 8 Umgomo um'umi ulind'umzingisi.
- 9 Ubomi lidabi lokulwa nomna;
- 10 Iyathimbis'inyama ayifuni kuthotyozwa,
- 11 Aying'ingaba lidini lokuzis'impumelelo,
- 12 Ayingi ingalinda ijonge inzaliseko.

- |    |   |
|----|---|
| 13 | Mawuqaqambe umgomo phambi kwakho,           |
| 14 | Uziqhiz'iimbophelelo ezikuqamangeleyo,      |
| 15 | Uyibeke nxamny'imithwalo ekudobeleyo;       |
| 16 | Ulubaleke ngomonde ugqats'olukumeleyo.      |
| 17 | Wofuman' abaninzi bengqengq'elungqamekweni, |
| 18 | Wofuman'iqela ligxampuz'emgxobhozweni.      |
| 19 | Onke loo maqela akukhwebela kuwo;           |
| 20 | Maz'ungawahoyi ufunzele enzulwini.          |
| 21 | Ofun'igolide akaqhwayi emgqubeni,           |
| 22 | Axel'isikhukukazi sifun'imibungu.           |
| 23 | Ozingela izilo uthabatha izagweba,          |
| 24 | Avuke kwangonyezi abuye nofele.             |
| 25 | Oswele umgomo ufana nemfama                 |

- 5.2.1 Uthetha ntoni umqolo okrwelelwe umgca ngaphantsi kwisitanza sokuqala? (2)
- 5.2.2 Chonga ibinzana kwisitanza sokuqala elibonisa ukuba imbongi ibhekisa kulutsha. (1)
- 5.2.3 Igama elibhalwe ngqindilili kwisitanza soku-1 lityhila umqondiso wantoni? (2)
- 5.2.4 Loluphi uvakalelo olutyhilwa ngumqolo wesi-5? (1)
- 5.2.5 Nika intsingiselo equlathwe ngumqolo we-10. (2)
- 5.2.6 Bhala umongo wesitanga sesi-4. (2)
- 5.2.7 Khetha intsingiselo enikwa ngumqolo othi, '... abaninzi bangqengq'elungqamekweni' kwezi zilandelayo? (1)
- A Kukufuna undikho.  
B Kukujonga phambili empumelelweni.  
C Kukuba ngungantweni.  
D Kukuphumla emva kokuphumelela.
- 5.2.8 Chaza ngamazwi akho okuthethwa ngumqolo wama-21. (2)
- 5.2.9 Cacisa indlela umbhali asebenzise ngayo ulwimi kumqolo wama-25. (2)
- 5.2.10 Myalezo mni odluliswa ngulo mbongo? (2)

**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**  
**AMANQAKU EWONKE: 70**